Isalathiso: 20200731-7324
Inombolo yefayili: 12/2/13/5
Imibuzo: KuBacwangcisi beKharityhulam aBakhulu bakwaNdlunkulu nakuBaququzeleli boVavanyo beZithili

ISetyhula: 0018/2020
Umhla wokuphelelwa: 31/12/2020

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli aBaziiNtloko, kuBalawuli, (kwaNdlunkulu nakwii-ofisi zezithili), kumaSekela Balawuli, kwiiNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kwiiNtloko zoKunika iNkxaso kwiKharityhulam, kwiiNtloko zoLawulo noKuphathwa kwamaZiko, kumaSekela eeNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kuBaququzeleli boVavanyo neeMviwo, kuBacebisi ngeZifundo nakwiiNtloko zawo onke amaziko emfundo

Isishwankathelo esifutshane: *Ukubonelela ngesikhokelo sokuphunyezwa kwe-Annual Teaching Plans ezihlaziyiweyo, ikhontenti engundoqo eyeyona isezantsi (minimum core content) nezakhono ngesifundo ngasinye nangebakala ngalinye kwakunye neengcebiso ngovavanyo kuwo onke amabakala ngo-2020.*

Isihloko: Isikhokelo sokuphunyezwa kwe-*Annual Teaching Plans (ATPs)* nekhontenti engundoqo eyeyona isezantsi. uvavanyo nokuqinisekiswa komgangatho woVavanyo oluQhubekela eSikolweni (*School-based Assessment (SBA)*) olufakelwe izilungiso kuwo onke amabakala

1. ISebe leMfundo esiSiseko (iSebe iDBE) lakhupha **iSetyhula S3 ka-2020 neSetyhula 02 yoVavanyo zikaZwelonke** (***National Assessment Circulars*) zango-2020**, zombini ngowe-09 Julayi 2020 **neSetyhula E11 ka-2020** yomhla we-15 Julayi 2020. Ezi setyhula zikazwelonke zinika isikhokelo sokuphunyezwa kwee-*Annual Teaching Plans (ATPs)* ezihlaziyiweyo ezicacisa iikhonsepthi ezizona zisezantsi, ikhontenti nezakhono ngesifundo ngasinye ngebakala ngalinye yaye zicacisa ukuphunyezwa nokuqinisekiswa komgangatho we-*School-based Assessment (SBA*) ngo-2020 efakelwe izilungiso kumaBakala R – 9 (iCandelo i-*General Education and Training GET) band)* necandelo le-*Further Education and Training* FET) *band* kumaBakala 10 – 12.

2. Ukuvulwa kwakhona kwezikolo nokubuyela kwabafundi ezikolweni ngokwamabakala kubangele ukuba kumiselwe imiqathango emitsha yokuphunyezwa kwee-*ATPs* novavanyo ekufuneka isebenze ukunika inkxaso ekufundiseni, kuvavanyo nasekufundeni ukulungiselela ixesha lonyaka wesikolo eliseleyo.

3. Ubunkokeli obusebenzayo buyafuneka kumanqanaba abaphathi abakhulu nootitshala njengoko sisebenzela ukwandisa ukusebenza ngokuyimpumelelo kwesikolo nokuqinisekisa ukuba umfundi ngamnye unikwa imfundo egqibeleleyo enokwenzeka ngokufundiswa nangovavanyo phantsi kwezi meko zigqubayo ngoku.

4. Injongo yokufundisa ephambili ihlala ikukubonelela abafundi ngamathuba amaninzi okufunda kwinqanaba lebakala kangangoko kunokwenzeka oku ukuqinisekisa ukuba abafundi bakulungele ngokufanelekileyo ukugqithela kwibakala elilandelayo. Ukunika inkxaso koku, bayakhuthazwa ootitshala ukuba basebenzise ingqiqo esuselwa kwiimvavanyo ezingamiselwanga nezimiselweyo *(i-SBA)* zokufunda ukwandisa ukufundisa okuyimpumelelo nokuxhasa abafundi baqhubeke apho bakhoyo ukuya kufikelela kwiziphumo zokufunda ekujoliswe kuzo.

5. Izikolo zimele ukugcina irekhodi zamacandelo ekharityhulam ngebakala ngalinye nangesifundo ngasinye angakhange afundiswe ngethuba lango-2020 nokusetyenziswa kwale ngcaciso ukulungiselela ukwenziwa kwezicwangciso zootitshala kunyaka wesikolo ka-2021.

6. Xa kuthathelwa ingqalelo ixesha elincitshisiweyo elikhoyo kumabakala ngokubanzi, kunokubakho imfuno yokugxininisa kwizifundo ezithile eziya kubonelela ngezakhono ezingundoqo nolwazi oluyimfuneko ukwenzela ukungena kwibakala elilandelayo. Isikhokelo seSebe iDBE sinika iindidi ezinokukhethwa kwiSigaba saBadala (*Senior Phase)* esinokulandelwa sisikolo ngokusekelwe kwiimeko zaso. Makufunyanwe imvume yako nakuphi na ukuncitshiswa kwezifundo ezifundiswayo kuMlawuli weSithili.

7. Isishwankathelo sesikhokelo senkxaso kwicandelo *leGET*

7.1 ISigaba seSiseko

Ikhontenti engundoqo yamaBakala R–3	
• Inani lezifundo lihlala lingatshintshanga. • Kugxininiswa kwikhontenti engundoqo nezakhono (makufundwe i-***GET Annexure B: - Fundamental content and skills****, p5)*. • IZakhono zoBomi **mazihlanganiswe kwiiLwimi.**	
Isifundo	**Ugxininiso**
IiLwimi	Ugxininiso olulodwa ekufundeni nasekubhaleni.
IMathematika	Ugxininiso olulodwa ekuphuhliseni iikhonsepthi zamanani.
IZakhono zoBomi	Ikhomponenti **yeZakhono boBomi** mayihlanganiswe kwiiLwimi

	kugxininiswa kwimpilo nokhuseleko.

IProgram yoVavanyo eHlaziyiweyo yango-2020 yamaBakala R-3

Isifundo	IBakala	IKota 1	IKota 2	IKota 3	IKota 4
Home Language (HL)	R	I-SBA ngokuqhubeke-kayo	I-SBA ngokuqhubeke-kayo	-SBA ngokuqhubeke-kayo	-SBA ngokuqhubeke-kayo
First Additional Language (FAL) ***Mathematics*** ***Life Skills***	1–3	I-SBA ngokuqhubeke-kayo I-*Formal Assessment Task* (FAT) igqityiwe	Alukho uvavanyo olumiselweyo	I-SBA ngokuqhubeke-kayo (inye i-FAT ngesifundo ngasinye*)	I-SBA ngokuqhubeke-kayo (inye i-FAT ngesifundo ngasinye*)
Amanqaku	R-3	**100%**			

**Ayiyi kubakho iMisebenzi ii-FAT) kwiKota 3 no-4 kwiSifundo soLwazi ngezoBomi kuba ihlanganiswe kwiiLwimi.*

KwiSigaba seSiseko, umlinganiselo wamanqaku angu-100% kwi-*SBA* ahleli engatshintshanga. Ukubalwa kwamanqaku okugqibela okudlulela kwisigaba esilandelayo *(final progression mark*) afunyanwa kwiKota 1, 3 neKota 4 njengoko kungekho manqaku abalwayo kwiKota 2.

7.2 ISigaba esiPhakathi

Ikhontenti engundoqo yamaBakala 4 – 6	
• Inani lezifundo lihlala lingatshintshanga • Kugxininiswa kwikhontenti engundoqo nezakhono (makufundwe i-***GET Annexure B - Fundamental content and skills***, *p6-11*).	
Isifundo	**Ugxininiso**
Languages	Ugxininiso olulodwa ekufundeni ufumane intsingiselo nsekubhaleni
Mathematics	Ugxininiso ekubaleni
Life Skills	Ugxininiso ekuzilawuleni kwabafundi, ezempilo nokhuseleko, ukwenza imisebenzi yobugcisa nezakhono zobugcisa bokubonwayo, ubuchule, ezonxibelelwano nezakhono zokucinga ngokuphangaleleyo
Social Sciences	Ugxininiso kwikhontenti engundoqo nezakhono ze*History* ne-*Geography* ngexesha elikhoyo
Natural Sciences and Technology	Ugxininiso kwikhontenti engundoqo nezakhono

IProgram yoVavanyo eHlaziyiweyo yango-2020 yamaBakala 4-6

Isifundo	IBakala	IKota 1	IKota 2	IKota 3	IKota 4
HL ***&*** ***FAL***	**4** **5** **6**	Yonke imisebenzi igqityiwe	Alukho uvavanyo olumiselweyo	I-orali; Uvavanyo (impendulo kwiitheksti) Uvavanyo olubhawayo (impendulo kwiitheksti)	Uviwo oluqhubekela esikolweni: Ikhomponenti ye-orali + impendulo kwiitheksti + ukubhala
Mathematics	**4-6**	Yonke imisebenzi igqityiwe	Alukho uvavanyo olumiselweyo	Umsebenzi omnye wovavanyo olumiselweyo	Uviwo oluqhubekela esikolweni:
Natural Sciences and Technology	**4-6**	Yonke imisebenzi igqityiwe	Alukho uvavanyo olumiselweyo	Umsebenzi omnye wovavanyo olumiselweyo	Uviwo oluqhubekela esikolweni:
Social Science Geography	**4-6**	Yonke imisebenzi igqityiwe	Alukho uvavanyo olumiselweyo	Umsebenzi omnye wovavanyo olumiselweyo	Uviwo oluqhubekela esikolweni:
Social Science History	**4-6**	Yonke imisebenzi igqityiwe	Alukho uvavanyo olumiselweyo	Umsebenzi omnye wovavanyo olumiselweyo	Uviwo oluqhubekela esikolweni:
Life Skills	**4-6**	Yonke imisebenzi igqityiwe	Alukho uvavanyo olumiselweyo	Iprojekthi, Umsebenzi i-*Physical Education Task (PET)*, Umsebenzi i-*Common Assessment Task (CAT)*	Uviwo oluqhubekela esikolweni: (Iprakhtikhali ye-*CAT* ibandakanyiwe)
Amanqaku	**4-6**	**80%**			**20%**

KwiSigaba esiPhakathi, kuya kusebenza umlinganiselo wamanqaku ahlaziyiweyo. I-*SBA* egqitywe kwiKota 1 no-3 iya kubala i-80% yaye uviwo oluqhubekela esikolweni kwiKota 4 luya kubala i-20% yamanqaku okugqibela okugqithela kwisigaba esilandelayo.
Uvavanyo oluqhubekela esikolweni kwiKota 4 luya kususelwa kumsebenzi ogqitywe kwiKota 3 no-4.

7.3 ISigaba saBadala

<table>
<tr><th colspan="2">Ikhontenti engundoqo yamaBakala 7 – 9</th></tr>
<tr><td colspan="2">

Kuya kugxininiswa kwikhontenti engundoqo nezakhono (makufundwe isiHlomelo i-GET Annexure B: Fundamental Content and Skills, pg 12-24) ngethemba lokuba zonke izifundo ziya kufundiswa.
Nakuba kunjalo, ukulungiselela ukuncitshiswa kwexesha, iSebe iDBE inike izikolo ithuba lokukhetha ukunciphisa inani lezifundo kwezisithoba zibe sixhenxe kwiSigaba saBadala.
Makufunyanwe imvume yokuncitshiswa kwezifundo kuMlawuli weSithili.
Ukukhethwa kwezifundo ezisixhenxe lilungelo elilodwa lesikolo, ingelilo elomfundi okanye eleklasi esikolweni.
KumaBakala 8 no-9: Kuya kugxininiswa ekufundeni okunzulu nasekukhethweni kwezifundo kwicandelo leFET.

</td></tr>
<tr><td>Izifundo ezinyanzelekileyo:</td><td>Izikolo zinokukhetha zibe MBINI kwezi zilandelayo:</td></tr>
<tr><td>

Languages (HL & FAL)
Mathematics
Natural Sciences
Life Orientation

</td><td>

Social Sciences
EMS
Technology
Creative Arts

</td></tr>
<tr><td colspan="2">

Kwi-Life Orientation: Kugxininiswa ngokungaphezulu ekuzilawuleni komfundi ngokwakhe, iingcebiso ngezempilo nokhuseleko nakumakhondo omsebenzi

</td></tr>
</table>

Ukufundiswa kwezifundo nokukhethwa kwezifundo makwenziwe ngononophelo ukuqinisekisa ukuba abafundi abanazikhewu zokufunda kwicandelo le*FET*. Iphakheji yeprogram yeSigaba saBadala imele ukungqinelana nezifundo abafundi abanenjongo yokuzithatha kangangoko kunokwenzeka kwicandelo le*FET*.

Iprogram yoVavanyo eHlaziyiweyo yango-2020 yamaBakala 7-9

Isifundo	IBakala	IKota 1	IKota 2	IKota 3	IKota 4
HL ***&*** ***FAL***	**7-9**	Yonke imisebenzi igqityiwe	Alukho uvavanyo olumiselweyo	Imisebenzi ye-orali Uviwo loncwadi	Uviwo oluqhubekela esikolweni: Ikhomponenti ye-orali + impendulo kwiitheksti +ukubhala +Noncwadi (Ibakala 9)
Mathematics	**7–9**	Yonke imisebenzi igqityiwe	Alukho uvavanyo olumiselweyo	Umsebenzi omnye wovavanyo olumiselweyo	Uviwo oluqhubekela esikolweni
Natural Sciences	**7–9**	Yonke imisebenzi igqityiwe	Alukho uvavanyo olumiselweyo	Umsebenzi omnye wovavanyo olumiselweyo	Uviwo oluqhubekela esikolweni
Social Science Geography	**7–9**	Yonke imisebenzi igqityiwe	Alukho uvavanyo olumiselweyo	Umsebenzi omnye wovavanyo olumiselweyo	Uviwo oluqhubekela esikolweni
Social Science History	**7–9**	Yonke imisebenzi igqityiwe	Alukho uvavanyo olumiselweyo	Umsebenzi omnye wovavanyo olumiselweyo	Uviwo oluqhubekela esikolweni
Economic and Management Sciences	**7–9**	Yonke imisebenzi igqityiwe	Alukho uvavanyo olumiselweyo	Umsebenzi omnye wovavanyo olumiselweyo	Uviwo oluqhubekela esikolweni
Technology	**7–9**	Yonke imisebenzi igqityiwe	Alukho uvavanyo olumiselweyo	Umsebenzi omnye wovavanyo olumiselweyo	Uviwo oluqhubekela esikolweni
Creative Arts	**7–9**	Yonke imisebenzi	Alukho uvavanyo	Ii-*Art Forms 1 & 2:* Imisebenzi	Uviwo oluqhubekela esikolweni

		igqityiwe	olumiselweyo	yePrakhtikhali	kwi-*Art Forms 1 & 2:*
Life Orientation	**7–9**	Yonke imisebenzi igqityiwe	Alukho uvavanyo olumiselweyo	IProjekthi: I-*PET*	Uviwo oluqhubekela esikolweni ne-*PET*
Amanqaku	**7–9**	**80%**			**20%**

KwiSigaba saBadala, kuya kusebenza umlinganiselo wamanqaku ahlaziyiweyo. I-*SBA* egqitywe kwiKota 1 no-3 iya kubala i-80% yaye uviwo oluqhubekela esikolweni kwiKota 4 luya kubala i-20% yamanqaku okugqibela okupasa. Uvavanyo oluqhubekela esikolweni kwiKota 4 luya kususelwa kumsebenzi ogqitywe kwiKota 3 no-4.

8. **Isishwankathelo sesikhokelo senkxaso kwicandelo le*FET* (AmaBakala 10 – 12)**

8.1 ISebe iDBE libonelele **ngesiHlomelo i-*FET Annexure A: Amendments to SBA requirements for Grades 10–12 (2020)***, esiswankathela iimfuno ezimiselweyo ze*SBA* kumaBakala 10 – 12.

AmaBakala 10 -11
• Ii-*ATPs* ezihlaziyiweyo zamaBakala 10 no-11 zibonelelwe kwiSetyhula S2 yango-2020 yeSebe iDBE yomhla we-23 Meyi 2020.
• Zonke iimvavanyo ezimiselweyo zeKota 1 mazigqitywe. • Akukho zimviwo zangoJuni zibhalisiweyo. • Iimfuno ezimiselweyo zovavanyo zeeLwimi azifakelwanga zilungiso. • Izilungiso ezininzi kuLwimi ziyasebenza kwiincwadi zoncwadi ezimiselwe ukufundwa (*setworks)* nakwiindidi zoncwadi (*genera*) ezivavanywayo. • Inani lemisebenzi ye-orali liye lancitshiswa kwiiLwimi. • Zonke ii-*PATs* zamaBakala 10 – 11 zaqwalaselwa kwakhona kwakhona ukulungiselela imiqathango ye*COVID-19*. • Inxenye *(aspect)* yeprakhtikhali ye-*PET* kwi-*Life Orientation* ayibandakanywanga. • Amaqela enza ubugcisa obuthile/ii-ensembli *(ensemble performances*) kwizifundo zobugcisa zitshintshwe apha naphaya zenziwa ezabafundi ngabodwa. • Isifundo soLwazi ngezoBomi sigxininisa ngokungaphezulu ekufundeni omfundi ezikhokela ngokwakhe, kwezempilo nakukhuseleko.

IBakala 12
• Akukho kulungelelaniswa *(trimming*) kwekharityhulam kwenzekileyo kwiBakala

12.
• Zonke iimvavanyo ezimiselweyo zeKota 1 mazigqitywe. • Akukho zimviwo zangoJuni mazibhaliswe yaye ke ngoko olu vavanyo lumiselweyo aluyi kubandakanywa kwi*SBA*. • Uviwo lokuzivavanya (p*reparatory (mock) examination)* kwiBakala 12 malwenziwe zizo zonke izikolo. • Zonke ii-*PATs*) zamaBakala 12 – ziqwalaselwe kwakhona ukulungiselela imiqathango ye-*COVID-19*. • Inani lemisebenzi ye-orali yayincitshisiwe ukwenzela iBakala 12 • Isifundo soLwazi ngezoBomi masigxininise ngokungaphezulu ekuzifundeleni komfundi ngokwakhe, kwezempilo nakukhuseleko. • Izikolo mazithathe amanyathelo okufikelela nokusetyenziswa ngokupheleleyo kwamaphulo enkxaso

9. **Ukuqinisekiswa komgangatho**

9.1 Ukuqinisekiswa komgangatho weSBA, ngakumbi izicwangciso zokumodareyithwa nokumodareyithwa kwangaphakathi kweemvavanyo ezimiselweyo kwinqanaba lesikolo makomelezwe.

9.2 Ukumodareyithwa kwizithili kwi-GET kumele ukugxininisa kwikhontenti engundoqo (fundamentals) yeeLwimi neMathematika. Izikhokelo ezizezinye zicaciswe kwi-*National Assessment Circular 02 ka-2020,* yomhla we-09 Julayi 2020 (makufundwe isiHlomelo B).

9.3 Zonke izikolo mazimodareyithwe zizithili kumaBakala 10 – 12. -ISetyhula E11 yeSebe iDBE yango-2020, yomhla we-15 Julayi 2020, inika imizekelo yeemo zokumodareyithwa (*moderation modalities*) ezinokusetyenziswa zizithili.

9.4 Ukumodareyithwa kwiphondo nokumodareyithwa kwiSebe iDBE kweBakala 12 kuya kuqhutywa kanye ngo-2020 ngoSeptemba /Oktobha.

9.5 Zonke iimviwo zeprakhtikhali zeBakala 12 eziya kuba yinxenye yeemviwo zeBakala 12 mazimakishwe yaye mazimodareyithwe ngaphandle.

10. Iimfuno ezimiselweyo zempilo nokhuseleko emsebenzini ze-*COVID-19* (*COVID-19 occupational health and safety requirements*) mazithathelwe ingqalelo kuzo zonke iimvavanyo. Ziyimfuneko izicwangciso zobulumko yaye makuthathwe amanyathelo othintelo xa kubhaliswa abafundi iimvavanyo esikolweni, nabafundi abasemakhaya abanezigulo ezizezinye nabafundi abasemakhaya (ngokuthanda kwabazali) kwakunye naxa kuthathwa iimvavanyo nangokunjalo xa zimakishwayo.

11. Kwimeko yaxa isikolo singenako ukugqiba iimvavanyo ezicaciswe kwiiprogram yovavanyo nekhontenti eyeyona isezantsi echaziweyo kumaBakala 7-9

nakwisiHlomelo A samaBakala 10 - 12, makufunyanwe imvume kuMlawuli weSithili yokuwuyeka umsebenzi neyokubalwa kwamanqaku e*SBA* ngokususelwa kwinani elincitshisiweyo lemisebenzi. Irekhodi ezibhaliweyo zeemeko zokunxaxha kulo mmiselo mazigcinwe sisithili nayinqununu ukwenzela iinjongo zokuphicothwa kweencwadi.

12. Kwimeko apho abafundi bangasihambiyo isikolo ngenxa yezizathu ezinxulumene ne-COVID–19, nabaxhomekeke ekufundeni emakhaya, phantsi kweliso lomzali/labazali babo, iimfuno zovavanyo zethuba lonyaka oseleyo mazaziswe abazali ngencwadi ebhaliweyo, kwangethuba phambi kovavanyo olucwangcisiweyo. Umfundi makenzelwe amalungiselelo esikolweni ukuba i-*FAT* luviwo, kuthathelwa ingqalelo iimeko ezizodwa ezichaphazela ngqo lo mfundi. Iinqununu maziqinisekise ukuba kugcinwa **intembeko yazo zonke iimvavanyo ezimiselweyo** njengoko kucacisiwe kumaBakala 1 – 12 ukwenzela abafundi.

13. **Ukurekhoda nokwenza iripoti**

13.1 Izikolo ezisebenzisa iiprogram zokurekhoda nokwenza iiripoti zeSebe leMfundo leNtshona Koloni (WCED) kumaBakala 1 - 9 kwiCEMIS maziqaphele oku kulandelayo:

13.1.1 Iinququlelo ezintsha zeeprogram (Version 2.0) kuwo onke amaBakala ziyafumaneka kwi*CEMIS* ukulungiselela zonke iinguqu nokunceda ekwenzeni lula umthwalo wezolawulo. Izikolo mazikhuphele *(download)* le nguqulelo intsha yaye zifake idatha esele ikho. Akukho mfuneko yokufakwa kwamanqaku kwakhona.

13.1.2 Makusetyenziswe i-"*Skip" functionality* ukujongana neemeko apho uvavanyo lungabhaliswayo. Oku sele kwenziwe kuyo yonke imisebenzi kwiKota 2 nemisebenzi ethile kwizifundo ezikhethiweyo kwiKota 3 no-4 ngokungqinelana neprogram yovavanyo ehlaziyiweyo.

13.1.3 Kwizifundo ezibini ezinokuba zezingabhaliswayo kumaBakala 7–9, makusetyenziswe i-"*Skip" functionality* ukwenzela imisebenzi kwiKota 3 no-4. Iprogram iya kuzenzela ngokwayo *(automatically*) ukuwushiya umsebenzi ize iwalungelelanise kwakhona amanqaku xa iwabala (akukho zinguqu zifunekayo kwimilinganiselo yamanqaku).

13.1.4 Izihloko zemisebenzi neetotali zamanqaku sele zivuliwe kwiKota 3 no-4 ukuvumela iinguqu ukulungiselela iimvavanyo ezimiselweyo ezifanelekileyo apho kuyimfuneko.

13.1.5 Makusetyenziswe u-"*A:Abs*" ukufaka abafundi abangekhoyo ngokusemthethweni apho kuyimfuneko.

13.1.6 Iinkcukacha zeenguqu zinokufunyanwa apha "*Instructions" sheet* yeeprogram.

13.2 ISebe iWCED liya kufakela izilungiso kwiirekhodishithi ukwenzela izilungiso zeSBA zamaBakala 10 – 12 .

13.3 Izikolo ezisebenzisa i-*SA-SAMS* okanye ezinye iisistim mazilandele imiyalelo ecaciswe kwi-*National Assessment Circular 02* yomhla we-09 Julayi 2020 (makufundwe isiHlomelo B kumaBakala 1 - 9) yaye zinako izikolo ukufunda umyalelo wesikolo wokurekhoda nokwenza iripoti kumaBakala 10 – 12 kwisiHlomelo A se-*FET*.

13.4 Akukho ziripoti zesikolo zimiselweyo (formal school reports) ziya kukhutshwa kwiKota 2. Iiripotikhadi maziveliswe kwiKota 3 no-4. Iikhomenti kwiripoti zimele ukubonisa inkcazo yako konke kuthathelwa ingqalelo iindidi zombini, uvavanyo olumiselweyo novavanyo olungamiselwanga ezenziweyo.

14. Ukuphunyezwa kwesi sikhokelo zizo zonke izikolo kuya kuthakazelelwa kakhulu.

15. Ziyacelwa iinqununu zazise ngokuqulethwe yile setyhula kubo bonke ootitshala ukuze bayithathele ingqalelo.

ISAYINWE: NGU-HA LEWIS
USEKELA INTLOKO YESEBE LEMFUNDO
UMHLA: 2020-08-03